

Meyi
2012

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade	028 313 8000/8111 028 312 2400	

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

LUNGENISIWE UHLAHLO-LWABIWO-MALI OLUQULUNQWAYO

Ibhajethi equlunqwayo yokusebenza kukamasipala nebhajethi yemali yowama-2012/13, neyoqikelelo yowama-2013/14 neyowama- 2014/15 nemigaqo enxulumene nohlalo-lwabiwo-mali zingenisiwe kwintlanganisano ye-Bhunga ekupheleni kukaMatshi.

Uluntu ngoku lunganika izimvo zalo de kube ngowama-30 Epreli 2012. Iingxoxo namalungu ephondo nohlaziyo lwebhajethi, amaxabiso eenkonzo, imigaqo namagqabantshintshi ziza kwenziwa ngokumalunga nezi zimvo.

Izindululo zokugqibela nemigaqo iya kuqwalaselwa liBhunga ngomhla wama-30 Meyi 2012.

Iyonke imali yebhajethi yowama-2012/13 – eyokuqhuba kukamasipala nenkunzi idibene – zizigidi ezingama-R926 mali leyo eya kunceda kakhulu kuqoqosho lwendawo le. Iindleko kumsebenzisi zisezantsi zinyuke nge-6% kwirhafu yemihlaba, nge-8% kwimihlaba yoshishino nange-6% kwiinkonzo zabathengaphandle kombane onyuke nge-13,5% kungaphaya kolawulo lukamasipala njengoko luphantsi kwe-National Electricity Regulator (NERSA).

Uhlalo-lwabiwo-mali lwenkunzi olundululwayo li- R142 928 088, luhle ngama-23% kwibhajethi ehlangahlangisiweyo yowama- 2011/12 ye- R189 186 000. Umasipala uyaqhuba nombono wakhe wexesha elide wokulondoloza kwizibonelelo ezitsha ezininzi

nakuphuculo lwezi zibonelelo njengoko ebezile kule minyaka mine idlulileyo xa ebeqwalasela ukuba semva nokuqinisekisa unikezelo zinkonzo okukuko.

Ibhajethi yenkunzi yonke zizigidi ezili-R103,5 ebonelelwe ngemali phakathi kwezinye ngemali-mboleko yangaphandle ezizigidi ezingama-R40 nemali eziinkozo ezizigidi ezili-R14,5. Le mali ayiquki iimali-mboleko ezijoliswe kwinto enye ezifana nezamanzi, ugutyulo-lindlele nombane.

Imali ezizigidi ezi-R6,5 yabelwa iiprojekthi ezithe ngqo kwii-wadi - R500 000 kwiwadi nganye kwezili-13.

Ibhajethi endululwayo yokuqhuba kukamasipala yowama-2012/13 zizigidi ezi-R782 751 923, xa kuthelekiswa nebhajethi yangoku elungisiweyo ye-R727 404 175 – ukunyuka nge-7,16%.

Imivuzo nezibonelelo iquka izigidi ezi-R226,5 okanye 28,9% yenkcitho kwibhajethi yokuqhuba kukamasipala. Eli nani liquka imivuzo yooceba. Abasebenzi baza kongezwa ngezikhundla ezili-9 kuphela. Olu kikelelo lubandakanya unyusomivuzo nge-5%, olusekwe kwiqondo lokunyuka kwamaxabiso kwiinyanga ezili-12 njengoko kungekabikho sivumelwano semivuzo.

Iyonke ibhajethi ngama-R685 825 844, kungabandakanyi izibonelelo. Oku kuthelekiswa nebhajethi ehlangahlangisiweyo yama-R629 731 398 kowama-2011/12 ebonisa ukunyuka nge-8,91%.

Iintlawulo zinyuka ngesiseko se-6%

kwirhafu yeendawo zokuhlala ukuze ibe si-8% kwezokushishina. Kuphakaniswa ukuba kube kho abangachaphazelekiyo kubekho nezaphulelo. Imihlaba yezolimo mayinikwe ixabiso kwiqondo lama-25% kwisenti kweyeendawo zokuhlala ukuze ingeniswe kunyaka wesibini kwemithathu ze ibe ngama-20% kulo nyaka uzayo.

Malunga nokunyuka okuli-13,5% ekuthengeni umbane abasebenzisi baza kuhlawula ngokwamaxabiso enyukayo ngokumiselwa ngu-NERSA. Iibhokisi zokubala umbane ezasekhaya, ezombane othengwayo nezinombane zahlulwe nge- 8%, 6% ne-4% ngokulandelelana kweebhloko 2, 3 no-4 ukukhuthaza abasebenzisi ukuba baguqukele kumbane othengwa ngekhadi.

Amanzi nogutyulo-lindlele amaxabiso amiselwe ngokwexabiso lokunikezela kwenkonzo leyo, umndilili wokunyuka usi- 6%. Ngaphandle kokufuna ukulawula ngendlela eyiyo amanzi, into enqabe kakhulu ukunyuka kombane neekhemikhali zokucoca amanzi kube negalelo elikhulu kwixabiso lokunikezela ezi nkonzo. Ibhloko yokusetyenziswa kwamanzi ibekwe kwixabiso elifikelekayo elisisiseko ukuya kuma-30 kl ikhaya ngalinye ngenyanga. Amaxabiso athintela ukusetyenziswa kakhulu kwamanzi nokulungisa ukungahlawulelwa kwawo kuza kuqhuba. Icala elisezantsi lamaxabiso kuye kwafuneka lihlaziywe ukwenzela ukulungele-

lanisa iindleko zokubuyisela ubonelelo ngamanzi.

Ukulinganiswa kwamaxabiso ogutyulo-lindlele kuyo yonke imihlaba esedolophini kukunyaka wokugqibela wokungeniswa kwawo kangokuba yonke imihlaba ihlawuliswa ixabiso elisisiseko elifanayo. Enye into ekhoyo ngoku ngamaxabiso ahlawuliswa ngokomthamo wamanzi asetyenzisiweyo kuphelwe kweyona ndawo iphezulu nangona abanye abasebenzisi besenokukhetha phakathi kwexabiso ngokomthamo wamanzi asetyenzisiweyo nexabiso ngokwenkonzo enikezelweyo.

Amaxabiso othuthonkunkuma achatshazelwe kakhulu kukunyuka kwamaxabiso amafutha okuhamba. Kuza kuthuthwa kube kanye ngeveki ngoku eHermanus kwaye amaxabiso alungiswa ukwenzela ukuwalinganisa kuyo yonke iOverstrand. Enye into ebengalelo lizala lengingqi iKarwyderskraal, elilawulwa nguMasipala weSithili iOverberg. Esi siza sizele qhu kwaye indawo entsha iza kugqitywa ngowama-2013. I-Overstrand ibihlawula iindleko eziphezulu ngokuthutha inkunkuma iyise kwizala eliseGansbaai nebhajethi bekufuneka ilungiselele ukwakhiwa kweseli eyongezelelayo eGansbaai kule minyaka mibini izayo.



UTHENGISO MIHLABA EBALULEKILEYO LURHOXISIWE

Ngeenjongo zokuhlawulela iiprojekthi zophuhliso lwemali ukuthengiswa kwemihlaba engafunwayo ngumasipala ngumthombo obalulekileyo wengeniso kuMasipala weOverstrand.

Imali efunyenwe ngale ndlela isetyenziswa kuphuhliso nokuphuculwa kwezibonelelo zoluntu ezingangenisi mali kumasipala, izinto ezinjengokufakelwa kwetar ezindleleni nophuculo lwamabala ezemidlalo nezibonelelo zoluntu.

Kodwa iintengiso ezimbini engezazingenise imali ezizigidi ezili-R13 kuye

kwanyanzeleka ukuba zirhoxiswe:

- Isinikixabiso somhlaba onamabala entenetya nesikwashi eHermanus asikhangela samkelwe ngenxa yokuba ixabiso ebelinikwa libe ngaphantsi kwelo belimisiwe.
- Enye intengiso erhoxisiweyo iquka leyo yokwakhiwa kweziko le-oncology kufuphi nesibhedlele saseHermanus. Injongo yokufakela yomakhi ibe yengenakwenzeka ngenxa yeemeko ezimbi zezoqoqosho kanti isindululo sakhe sesibini asibanga nakwamkelwa kuba ibingayi kukuba bubulungisa kwabanye abathengi abebenokwela benomdla wokwakha eli ziko.

Izivumelwano sokugqibela sokuthenga ithanga laseSandbaai ngezizigidi ezingama-R40, ebesamkelwe liBhunga, asibanga nakugqitywa ngexesha ukuze imali engenise yiloo ntengiso ibalwe kwizindululo zebhajethi yowama-2012/13. Uthethathethwano lusahubana noko.

Ezi zinto zenzekileyo zaziswa uluntu ukwenzela ukuba lubone ukuba kulawulwa kakuhle kwaye yonke into yenziwa elubala.

ziwa elubala.

Nangona oku kuza kuba negalelo elibi kwinkcitho-mali yowama-2012/13 u-Masipala weOverstrand unethamsanqa ngokuba uza kufumana izigidi ezingama-R39,4 ezizizibonelelo zokuphuhlisa ubuxhakaxhaka kulo nyaka-mali uzayo. Ngaphezulu uza kufumana imali-mboleko ezizigidi ezingama-R40.

Ibhunga linezigidi ezili-R14,5 kuvimba walo, mali leyo eza kuhlawulela iiprojekthi ekufuneka imali kuzo kunyaka-mali wama-2012/13.

YENZA OKU NGENKUNKUMA YOKWAKHA

Ziyanda iingxaki ezenziwa luluntu nabakhi abavela nje badibanise yonke inkunkuma bayilahle kwizala. Uluntu nabakhi bayacelwa ukuba bangazidibanisi izitena, amatye nentlabathi (oko kukuthi inkunkuma ecekileyo). Nezinto ezifana neengxowa zesamente, iplastikhi, amaphepha, ikhadibhodi nentsimbi.

Izinto zokwakha ezingaxutywanga zingalahla kungahlawulwa kwiziza zenkunkuma eKarwyderskraal naseGansbaai kodwa inkunkuma emdaka ingalahla emva kokuhlawula ixabiso elimiselwe ngokwebhajethi kwaye ingalahla kuphela kwizala eliseGansbaai. Nangona iKarwyderskraal isavaliwe ngenxa yokuba kusakhiwa inkunkuma engaxutywanga esetyenziswa ukugquma umgangatho isamkelwa phaya.

Izinto ezifana neengxowa zesamente, iplastikhi, amaphepha, ikhadibhodi neentsimbi nemithwalo emincinci (iveni eyi-1-ton nangaphantsi) okanye izinto inkunkuma engaxutywanga ingashiywa kwizikhululo zenkunkuma.

Intsebenziswano yabakhi neyoluntu iya kubulelwa kakhulu.



Ukusuka ekhohlo: Ceba Ben Solomon, Nks. Rina de Wet, Overstrand Tourism Manager Suné Greeff, uSodolophu Nicolette Botha-Guthrie, Mnu. Craig Holmes, Economic Development Director Solomzi Madikane, Mnu. Johan Pieterse, Mnu. Louis Raubenheimer, Nks. Mary Faure, Nks Liz Fick, Mnu. Klem Dunstan and Municipal Manager Coenie Groenewald.

IKOMITI ECEBISAYO YEZOKHENKETHO IYAQHUBA

Intlanganiso yokuqala yeKomiti ecebisayo yeZokhenketho yaseOverstrand (OTAC) ibingoLwesine, 22 Matshi 2012, kwaye usihlalo wayo ibinguSodolophu uCeba uNicolette Botha-Guthrie.

Njengoko negama libonisa injongo yalo mbutho iza kuba kucebisa nokwenza izindululo kuMasipala weOverstrand ngenjongo yokuphucula nokukhulisa ishishini lokhenketho kule ndawo kamasipala. Le komiti yasekwa ngokwemimiselo yecandelo 17 loMthetho weeNkqubo zikaMasipala.

Le komiti iza kuhlalana qho ngekota kodwa isenokubizwa intlanganiso nanini na kukho imfuneko yokuqwalasela imigaqo neendlela zokusebenza

eziphathelele ekuphakanyisweni kokhenketho nokwaziswa kwale ndawo njengeyezokhenketho. Amalungu aza kudala uxibelelwano oluphilileyo phakathi kukamasipala neshishini lezokhenketho.

Ishishini lezokhenketho limelwe ngamalungu alithoba kwi-OTAC. Amahlalunu kuwo akhethwe ngokolwazi namava awo eminyaka emibini kweli shishini. Oku kwenzeka emva kopapasho kumajelo eendaba asekhaya. NguKlem Dunstan, uRina de Wet, uLouis Raubenheimer, uWilfred Chivell noCraig Holmes. Ezinye izikhundla zivalwe ngo-sihlalo beekomiti ezine zezokhenketho. Abo nguLiz Fick (USihlalo:

Hangklip-Kleinmond Tourism), uMary Faure (USihlalo: Hermanus Tourism), uJami Kastner (USihlalo: Stanford Tourism) noJohan Pieterse (USihlalo: Gansbaai Tourism).

UMasipala weOverstrand umelwe ngokusesikweni nguSodolophu, uCeba uNicolette Botha-Guthrie; uSihlalo weKomiti yeZeemali noPhuhliso lweZozoqosho uCeba uBen Solomon; uMphathi kaMasipala umnu. Coenie Groenewald; uMlawuli uPhuhliso lweZozoqosho noKhenketho, umnu. Soli Madikane; noMphathi: uKhenketho, unks. Sune Greeff.

Ikomiti iza konyula usihlalo kwintlanganiso yayo elandelayo.

INYATHELO LEMIGANGATHO YOKUZIPHATHA

AMANQANABA OKUZIPHATHA: YINTO NJE ESEMOYENI OKANYE YINTO EYENZEKA UYIBONE?

Ingxoxo ngemigangatho yokuziphatha eOverstrand ivakala ngathi yintetho nje esemoyeni. Kodwa kwicala leNyathelo leMigangatho yoKuziphatha sikholelwa ukuba ukuthetha ngemigangatho yokuziphatha yinto enokwenziwa ebonakalayo. Singabantu abohlukeneyo eOverstrand. Umntu unokulindela ukuba abantu abohlukene kangako abanakuhlala kwindawo enye kunye. Ukwahluka kumele kukhokelela kwiingxobano noqulubhodo.

Inye indlela enokwenza ukuba abantu abohlukeneyo bakwazi ukuhlala kunye ngemvano kukuba kuthi kanti kukho imigaqo yokuziphatha abafana ngayo. Esi sisiseko sokwakha ikamva loluntu lweOverstrand. Singenazinto zifanayo zokulawula ukuziphatha asinakuba luluntu olonwabileyo.

Imigaqo yokuziphatha ephambili bekumele ukuba iveliswa luluntu. Sifuna ukuba luluntu olunjani? Silibona linjani ikamva labantwana bethu? Ndingwenela ukuyichitha kanjani iminyaka yam yokugqibela? Silindele ntoni kwiinkokheli zethu? Ngokuxoxa ngokuvulelekileyo siya kufumanisa ukuba sisondele ngakumbi omnye komnye kunokuba sicinga. Sakuthu-

ka yindlela amaphupha ethu obomi adibana ngayo. Ukuvumelana ngezi zikhokelo zokuziphatha zobomi ezisisiseko iba sisiseko sokwakha uluntu olonwabileyo.

Iincoko ezininzi eOverstrand ziveli-se ukuba zintathu iintsika zokuziphatha ezikuluntu lonke: iNtonipho, ukuba noXanduva nokuKhathelela abanye. Abazali abaninzi banqwenela ukuzidlulisela ebanwaneni babo ezi ndlela zokuziphatha. Loluphi usapho olunokungafuni ukuba ezi ntsika zibe yindlela yokuphila kwalo lwemihla ngemihla? Sisiphi isikolo esinokungafuni ukusebenza ngolu hlobo? Umasipala ukuthakazelela kangakanani ukwakhela phezu kwezi ntsika xa ecwangcisa, elawula naxa enikezela ngeenkonzo? Licawe zithetha ngezi ntsika yonke imihla ebantwini.

Ingaba imigaqo yokuziphatha yinto nje esemoyeni? Ngokuqinisekileyo akunjalo! Ngaphandle kwemigaqo yokuziphatha esabelana ngayo asinakuba nalo ilifa esilishiyela abantwana bethu loluntu olonwabileyo eOverstrand

Nxibelela na neMSI ku
ernstes@vodamail.co.za okanye
iselula. 082 412 4538.

- Wilhelm Burger

Lumkelani ubuqhophololo kwezombane

Abahlali baseOverstrand balunyukiswa ngobuqhophololo obunokwenziwa ngabantu abazenza abasebenzi bakamasipala besithi bangabafakela into enokucutha ukusetyenziswa kombane ngokubhatala ama- R6 000 aqhelekileyo. Umninimzi uyacetyiswa ukuba angayi ngqo kumasipala koko asebenzise inombolo ekuloo leta.

Ngokwengxelo kamnumzana uDeon Louw, wakwamasipala eOverstrand olisekela-mlawuli weenkonzo zezombane akukho projekthi injalo kwaye ulumkisa abahlali ukuba phambi kokuvumela nabani na othi ungumsebenzi kamasipala angene emzini wakhe babokuqala bakuqini-

sekise oko. Umntu angafonela iSebe leZombane aqinisekise igama laloo mntu, inombolo yakhe yesazisi nenombolo yomsebenzi.

Umunumzana Louw uhambisa athi ukuphazamisana nezixhobo zikamasipala kukwaphula umthetho ofakelweyo oyi-Electricity Supply By-Law kwaye xa unokubhaqwa ungawetywa kuqhawulwe nombane emzini wakho. Umninimzi uya kuhlalwula umdlwabo ahlawulele umbane osetyenziswe ngokungekho mthethweni aphinde afune umsebenzi wombane alungise umbane lowo akhuphe isiqinisekiso esitsha phambi kokuba umbane ubuyiselwe. Yonke le nto ingaziindleko ezinkulu.



IQELA LE-BAROQUE LIZE KUZIBONAKALISA

I-CAMERATA TINTA BAROCCA, liqela le-baroque labadlali bomculo we-harpsichord. Amalungu alo aquka abanye beemvumi ezitshatshelweyo zaseKapa kwaye iikonsathi zalo zinconywe kakhulu yiTimes neDie Burger, kananjalo zipapashwe nguFine Music Radio. I-OVERSTRAND ARTS/KUNSTE (OAK) iza kuba nekonsathi yeli qela eCivic Auditorium eHermanus ngeCawe umhla wama-24 Juni 2012, ngeye-15h30.

Itikiti liza kuba li-R100 (R50 umfundi) kwaye umntu angacela ukubekelwa indawo ngokufonelela iBELLINI ku-028 312 4988. Xa ufuna enye ingcaciso ungaxibelelana noRené du Plooy ku-082 940 4238.

